**ISEBE LEMFUNDO LASEGAUTENG**

**UVAVANYO LWEBANGA LESHUMI ELINESIBINI**

**ISIXHOSA ULWIMI LWESIBINI**
**INQANABA ELIPHEZULU**
**(Iphepha Lesibini)**

**IXESHA: 2 iiyure**

**AMANQAKU: 80**

---

**IMIYALELO:**

- Eli phepha linamacandelo amahlanu A, B, C, D no E.
- Yonke imibuzo mayiphendulwe ngesiXhosa.
- Umthamo weempendulo wokhokelwa ngamanqaku.
- Umgaqo wokubhalwa kolwimi olwamkelekileyo; upelo noqhawulo magama olululo, kwakunye nomsebenzi obhalwe ngobunono yinto ekhuthazwayo kumfundi.
- Khetha imibuzo ibe **mibini** kule ilandelayo:

ICANDELO A
**IMIBONGO**

***Khala Zome*: L.M.S.Ngcwabe**

**UMBUZO 1**

Funda lo mbongo ulandelayo uze wandule ukuphendula imibuzo elandelayo:

Lo mfo sisingxami kwanjengamagorha onke;
Sisityhudu-tyhudu kwanjengamakroti onke;
Sisikhuza-kubi njengamakhalipha onke.
Yinto aph'elala iphaphama
Kwanjengaye kanye umnumzana.
Yinto ecimela iqhwanyaza
Kwanjengayo kanye inkosana.

Yinkosan'egcin'umninimzi nosapho lwawo,
Yinkosan'elondoloz'umzi neengcango zawo;
Ngumgcini wexesh'umahlokoma ndawo – ndawo,
Mhla kunzima ubhudl'ixilongo;
Ebusuku ke ngunozigodlo;
Mhla kukubi ngunoziganyonyo;
Elusatsheni ngunozigalo.

Kothi k'sas'umbone egungquza entla komzi,
Eyaluza ekhusela izikhukukazi,
Elunguza ekhangela izizanangozi.
Phatha kuvungam'exel'injana.
Akubona konwatyiw'emzin
Wokh'achol'aginye bimbilili
Emk'afik'angcamle emanzini.

Yibongeni ke kaloku bethu le nkosana,
Niy'bulel'imisebenzi yay'engakanana,
Ningasilibali isikhukukaz'unina
Ngokunizalela eli xhwangusha.
Ngumfo wondlekile, yindodana,
Yinkosana le ezintakeni.
Yibongeni bethu le nkosana!

1.1 Kulo mhobe kuthethwa ngantoni?

A. Ngomfo
B. Ngenkosi
C. Ngomqhagi
D. Ngenja (1)

1.2 Kuthetha ukuthini ukuba sisityhudu-tyhudu?

A. Sisingxami
B. Uyalala
C. Uyathanda ukulwa
D. Akalali (1)

1.3 Inkosana le:

A. Ngumgcini-xesha
B. Ilondoloza umzi
C. Iyaqeqesha
D. Zonke ezi zingentla (1)

1.4 Into emayenziwe kule nkosana

A. Mayibongwe
B. Mayivalelwe
C. Mayibethwe
D. Mayixhelwe (1)

1.5 Ukucimela uqhwanyaza

A. Kukulala
B. Kukudlala
C. Ukungalali
D. Kukugxelesha (1)

Tyhila

1.6 Kumqolo 12, "**Mhla kukubi ngunoziganyonyo**" cacisa le ntetho iphuhle intsingiselo yayo. (2)

1.7 Bhala amagama amabini kulo mbongo abonisa ukuba lo mfo wayelikhalipha. (2)

1.8 Xa kuthiwa "**ulixhwangusha**" (umqolo 25) kuthethwa ngomzimba (omkhulu / omncinci). (1)

1.9 Yintoni umsebenzi wale nkosana? (1)

1.10 Chonga amagama abe mabini kwistanza sokugqibela abonisa ukuba lo mfo wayeselula. (2)

1.11 Uthini xa ubiza unkosikazi walo mfo? (1)

1.12 Xela izinto zibe mbini uluntu ekufuneka luzenzile kule nkosana (kwistanza 4). (2)

1.13 Igama elithi "Yinkosana**"** livela kaninzi kulo mbongo. Liphuhlisa mfihlelo ni? (2)

1.14 '**Ngumfo wondlekile, yindodana**". Bhala amagama abe mabini abonisa oku. (2)

1.15 Yintoni umsebenzi kamama wale nkosana? (2)

1.16 Elusatsheni ngunozigalo. Le nto ithetha ukuba uyabetha/uyafekethisa. Khetha. (2)

1.17 Kukuthini ukulala uphaphama? (2)

1.18 Chonga umqolo obonisa ukuba uyahamba-hamba phakathi kwekhaya. (1)

1.19 Owona msebenzi awenzayo ngelo xesha yintoni? (1)

1.20 Yithi ewe okanye hayi

1.20.1 Uyathandeka lo mfo.
1.20.2 Uyinkosana ezintakeni.
1.20.3 Xa konwatyiwe uyalala.
1.20.4 Uvungama okwenjana.
1.20.5 Akayifuni into embi (5)

1.21 Khetha okulungileyo

| | | |
|---|---|---|
| 1.21.1 | Unozigodlo uthe | = cwaka/wenza ingxolo |
| 1.21.2 | Yinkosana | = Mdala / usemtsha |
| 1.21.3 | Izikhukukazi | = uyazibetha / uyazikhusela |
| 1.21.4 | Yinkosana | = yeentaka / yabantu (4) |

1.22 Sithini isihloko salo mbongo? (2)

1.23 Gqibezela " Elunguza ekhangela..." (1)

**AMANQAKU ECANDELO A: [40]**

ICANDELO B:

***Isisila sehobe*: S.C. Satyo, E.F. Gwashu**

**UMBUZO 2**

2.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze wayame ngaso ukunika olwakho uluvo.

> **UQalisile**: (Ethe shwace ubuso): Tshambi! Andifekethi ngawe! Andidlalisi ngawe! Ndizifunga zonke izinto eziphezulu neziphantsi, nezisemanzini aphantsi komhlaba!. Loo nto uthi mandikwenzele yona ndiya kuyenza ngaphandle kwentandabuzo!

2.1.1 Uthetha nabani apha uQalisile? (1)

2.1.2 Lo mntu athetha naye uyintoni kuye? (2)

2.1.3 Kutheni uQalisile ethe shwace ubuso nje? (2)

2.1.4 Ngqina le ntetho kaQalisile okanye uyiphikise xa esithi loo nto uthi mandikwenzele yona ndiya kuyenza ngaphandle kwentandabuzo, ungqiyame ngebali. (2)

2.1.5 Zinto zini ezi uQalisile azifungayo? (2)

2.1.6 Unyanisekile kwinto ayenzayo uQalisile, olu thando lwakhe kule ntombi ingaba uyaluxhasa na? (2)

2.1.7 Kukuthini ukuthi "shwace ubuso"? (2)

2.1.8 Uthetha ukuthini xa esithi akafekethi ngaye? (2)

2.1.9 UQalisile uyamthanda ngenene uTshambi? (1)

2.1.10 Ngubani igama likaTshambi xa liphelele? (1)

2.1.11 Wayenza ke yonke into ekwakusithiwa makayenze? (1)

2.1.12 Khawusixelele wenza ntoni? (2)
**[20]**

**UMBUZO 2.2**

Funda esi sicatshulwa uze wandule ukuphendula imibuzo elandelayo

| | | |
|---|---|---|
| **UNqabeni** | : | (Ephakamisa intloko): Nantsi le nto indityayo, Zings, kunjalonje isoloko indithe nca ezinkumbulweni, koko ndinamathidala ukuyivakalisa le ndawo kuwe. Xa ndiza emxholweni wento le ndifuna ukuthetha ngayo, ndenjenje: Laa mhla sasiphaya kwaDineka, eMgungundlovu, ndathi ndingena ndaphawula ukuba iintsebe zenu azintsebe ndiqhele ukuziphawula ndizibuke xa ninobabini. Nasekumkeni kwethu, ndiphawule ukuba, ukho umoya ongenayo phakathi kwenu. Ukuba ndingabuzi kuwe unobangela woku, kukuba ndihlonipha imicimbi yakho engekho phambi kwam. Kodwa into ezokundenza ukuba ndide ndiyithethe le nto iphakathi kwam kukubona ulusu lwakho, wena lo Zings, lungaseyiyo into endiluqhele luyiyo, ukususela laa mhla sasiseMgungundlovu. Ubuso bakho buseyilaa nto ndayibona ndingena kwaDineka. Nangoku oku, ubuso bakho bulusizi. Buzele yintandabuzo!<br>Ukuyiphalaza kwam kuwe le ntlungu yam kukulangazelela ukwazi nokunceda, ukuba ndinelungelo. Nantso ke Zings! (Alumeke umdiza, azalise igilasi ngebhiya). |
| **UMzingiso** | | (Erhabula isiselo sakhe se-orenji, ebuya eyibeka phantsi igilasi) Mhm-m-m-! Hayi ndiyakuva Nqabsi. Ndiyakuva, mfondini. Ndibulela kakhu-u-u-lu ukuzikhathaza kwakho ngam. Akuqali kubonisa ubuhlobo obunyanisekileyo kum.<br>Kumaxesha ngamaxesha, oko waba yindoda ejongene nemicimbi yeli khaya, usoloko undibonisa ubuhlobo obendeleyo kum. Indivuyisa kakhulu ke loo nto. Ngenene! Nam ndihleli apha nje ndikholose ngawe ngokupheleleyo. Iyandivuyisa into yokuthi xa ubona okubonayo, nakwimicimbi yam ejongene nam kuphela, ungoyiki ukundivuselela. Akusosicaka kum wena. Ungumhlobo wam osenyongweni wena! Ungubawo owandizalayo. Nangoku oku ndisingathwe nguwe.<br><br>Xa ndiphendula umbuzo wakho ndingasuka ndithi: Ewe, Nqabsi: kukho kona ukungena komoya phakathi kwam noDineka. Kambe ke uthi xa ayichazayo imbangi yokungena komoya phakathi kwethu, kusuke kwathi akuva ukuba ndisisityebi sendoda lwasuka lwabanda uthando lwakhe ngakum. Sishiyene ke la mhla singabantu abokhe bayithandazele into yokuba le dimoni imngeneyo iphume kuye; abuyelwe luthando lwakhe olushushu ngakum. Ndisamokamokana naloo mvandedwa ke, mfo wakuthi. Xa uthi ubuso bam bubonisa indoda eselusizini, undichanile. Kunjalo kanye. |

**IMIBUZO**

2.2.1 Kumgca wokuqala, uNqabeni ubonakalisa:

A. Ukukhathazeka ngendlela ayiyo uMzingiso
B. Kukho isinambuzane esimtyayo
C. Akukho nto imbi
D. UNqabeni noMzingiso abevani (1)

2.2.2 Xa ungumhlobo osenyongweni uthetha ukuba:

A. Ungumhlobo onyanisekileyo nowenene
B. Ungumkhohlisi
C. Ungumxabanisi
D. Uhleli endaweni efihlakeleyo (1)

2.2.3 Kukho kona ukungena komoya phakathi kwam noDineka. Le ntetho ithi

A. Kukho ukungevani okuthile.
B. Kukho ukuvana okugqithisileyo
C. Kusebusika kuyabanda
D. Kukho umntu wesithathu phakathi kwabo. (1)

2.2.4 Yintoni le imtyayo uNqabeni? (2)

2.2.5 Kutheni ezikhathaza ngale nto nje? (2)

2.2.6 Yayiyintoni eyabangela ukuba uNqabeni angambuzi kwangoko uMzingiso ngale ngxaki? (2)

2.2.7 Kuthetha ukuthini ukuthi "Iintsebe zenu azintsebe ndiqhele ukuziphawula"? (2)

2.2.8 Xela elinye igama elithetha "ukuphalaza" intlungu. (1)

2.2.9 Uthi uMzingiso uyintoni kuye uNqabeni? Xela zibe mbini. (2)

2.2.10 Chaza imbangi yalo moya ungene phakathi kukaMzingiso noDineka, ngokutsho kukaDineka. (2)

2.2.11 Kutheni uMzingiso enomvandedwa nje? (2)

2.2.12 Isisombululo sale ngxaki uthi uMzingiso yintoni? (2)
**[20]**

**AMANQAKU ECANDELO B: [40]**

ICANDELO C

***Inoveli: UMakhwekhwetha*: R.F. Mcimeli**

**UMBUZO 3**

3.1 **NDIYAKUTHANDA NOWANDILE**

> Igumbi eli yayilelokulala. Singena nje sitsalwe ngumbono wolo sizana losana. Ukuba lwalunayo imilenze ngendiba ndithi lwaluthe tywa kuloo bhedana yalo yomthi yayakhiwe kanye oku kwesibaya samatakane. Koko ke lwalungenayo. Loo ngalo kwakukuphela kwayo ekhoyo yayanekiwe, lulele ngomqolo lwacimela mba, kanye oku komntu onyamezele iintlungu, lukhamisile. Loo mtya wegawuni ebomvu wawutshone wazika emqaleni apha wabotshelelwa macala kule bhedana ukuze lungasindi nokuba sele kutheni na. Qelele kwelinye icala yayiyibhedi enkulu eyayibonakala ukuba yeyexabiso. Yayize kodwa kubonakala ukuba bekulelwe kuyo.
>
> Yayiqhwaqhwazelisa amashiti, itsho ngezilafu-lafu zona iingubo ezi nemiqamelo. Ngaphaya kwayo kwakukho enye encinane kunayo. Yona yayitsho ngemidakasholwana yeengubo eziqulethe inqunjana eyaye ithe gqi ngobuswana obunga yinkonkxa endala ukuboqoka oku, bunganelanga nje kukuba mnyama thsu koko buluthuthu. Le nqunjana ukuphefumla oku ikhalisa amakhwelo yaye iyakhawulezisa liphika. Lalisele libophile elokufa ivumba kuloo ndlu. Sisondele sabulisa kule nqunjana, savuya kakhulu sakufumanisa ukuba oku kokuthetha kona isakwazi. Ithe masichophe kule bhedi inkulu, sachopha sajonga kuyo.

3.1.1 Balisa ngokufutshane ukuba kwenzeke ntoni kolu sanana lukaNowandile? (2)

3.1.2 Ufunyenwe umntu owenze eli sikizi? (1)

3.1.3 Ngubani? (1)

3.1.4 Ufunyenwe njani? Chaza ngokufutshane indlela uMakhwekhwetha amqhathe ngayo lo mfazazana. (2)

3.1.5 Zazingaphi iibhedi kweli gumbi? (1)

3.1.6 Lo mntwana wayethe tywaa ebhedini

(a) Wayephila / wayebhubhile

(b) Wayengumntwana ofana nabanye abantwana / wayengafani nabanye abantwana.

(c) Wayekrwitshiwe / wayezilalele nje. (3)

**[10]**

3.2 **IBHOTILE YAMANZI ASHUSHU**

Samkelwe lixhegokazi elizisonge esitulweni, lathi masichophe. Ngeba umntu omkhulu lo ungqiyamile ngomqolo apho esitulweni koko unento enkulu ayibelekileyo emqolo apha, into endakha kuqala ndacinga ukuba lusana mna, de ndabona ukuba asilulo, ndabuya ndeva ukuba yintoni na. Umntu lo mdala akatyholwa: izandla nobuso zishwabene yaye ukusijonga oku ubeka isandla ebunzi ngokunga lichebesha lisinga, ufike encine namehlo la. Ubukhulu becala uthetha nathi ejonge phantsi kuba akuncedi nto ukujonga kuthi kuba usibona luzizi. Ndothuswe yindlela afumbele ngayo ngoku kanye ilanga likhupha intlanzi emanzini.

3.2.1 Ixhegokazi libelekiswe nto ithile ngabazukulwana balo. Yintoni leyo? (1)

3.2.2 Umsebenzi wale nto isemqolo yintoni? (1)

3.2.3 Abafo bakwaMlenze bafumene isisele sokufihla ezabo izinto kuloo mbhumbutho usemqolo kumakhulu. Bafihla ntoni? (1)

3.2.4 Kugqogqwe ngoluphi uhlobo ukuze kufunyanwe le nto ifihlwe kweli qhuma lisemqolo kumakhulu? (2)

3.2.5 Chaza amacebo abonisa ukuba uMakhwekhwetha lo yingcaphephe ebucuphini ngokokude ifunyanwe le igqogqwayo. (2)

3.2.6 Bayazi njani abacuphi into yokuba kufuneka baze kugqogqa nto ithile kulo mzi. Diza eli hlebo ke ngoku. (2)

3.2.7 Yintoni ebonisa ukuba umntu lo mdala akatyholwa. (1)

**[10]**

3.3 **IMOTO ENTSHA**

Ngethamsanqa sifike uNokhala engenawo nowempumlo ngaphandle nje komlenze owawusasanyentiwe. Usamkele ngobubele wathi masenzelwe nomphungo. Simxelele ukuba sisekhondweni lalo tsotsi wesithathu athi yena wabaleka. Zonke izinto sizibuze buncoko kuba umfo lo wayeliqhakra-qhakra lencoko elinoburharha kunene. Sifumanise nokuba umfo lo yititshala ngobizo. Wayehleli nentwana yakhe eminyaka isesixhenxeni ubudala. Yona yayidlala ngophoyiyana womnxeba, imana ukuwuphakamisa itsalele loo mntu ukwingqikelelo yayo idanduluka, “Mayikhi! Mayikhi! Aiv dani ithi! Aiv dan ithi, Mayikhi Mafrendi: vuruvuru viriviri bhurubhuru, Mafrendi.” Ude uyise wayigxotha ngomsindo le nkwenkwe kuba yayisiphazamisa, yaphuma.

3.3.1 Ukrelekrele uMakhwekhwetha , futhi unyanisile xa athi umntu xa angumcuphi kufuneka akrokrele nokhohlokhohlo olu. Nantsi inkwenkwana izidlalela kanti ayimgwebanga uyise imgqibile. Naba ngalo mbandela, imbambise njani uyise le nkwenkwana? (2)

3.3.2 Wayenze ntoni? (2)

3.3.3 Kha ucothoze nathi usise kulo noxhaka ude wanqakula uNokhala lo? (2)

3.3.4 Xa kuthiwa awunawo nowempumlo kuthethwa ukuba (uphilile / awunamoya). (1)

3.3.5 Iqhakra-qhakra ngumntu othanda (ukuthetha / ukulwa). (1)

3.3.6 Umsebenzi kaNokhala wobizo yayiyintoni? (1)

3.3.7 UNokhala wayeyigxothela ntoni le nkwenkwe? (1)
**[10]**

3.4 **KWESI SIHLOKO "IINGWANYALALA" PHENDULA LE MIBUZO ILANDELAYO**:

| |
|---|
| Iphume nje esangweni inja yantuntu tha ukuhla ngesitalato. Sithe makajike uMfene siza kuza nayo. Siyilandele sesithanda ukunkcunkca. Into eyabangela ukuba sibe nomdla wokuyilandela le nja andikayazi nanamhla oku. Mhlawumbi sasisenziwa kukuba sasizalana nayo ngento enye, ukulanda umkhondo wayo nantoni na engathi iduke ngondlela-mnyama. Okanye bethu ingaba yile nto wayesithi ukuyibiza uMakhwekhwetha 'luluvo lwesithandathu'? Inene andazi! Kodwa sayilandela kunjalo nje saya sisiba nomdla ngokuya isiya phambili, simana ukuyibiza, ime isilinde ijiwuza umsila, sakufika kuyo intuntuthe ukubheka phambili. |

3.4.1 UHlathi nomkakhe baselusizini ngenxa yokulahlekelwa nguVuyisani unyana wabo. Kwenzeke ntoni? (2)

3.4.2 Yintoni eyakhuthaza yacebisa ezi zikrelemnqa ukuba ziqweqwedise le nkwenkwana.? Cacisa. (2)

3.4.3 Kha usichazele isizathu sokuba uSpoti (inja) angathandi ukutya phofu ebonakala onwabile? (1)

3.4.4 Yena uNomvula kutheni ngathi akakhathazekanga nje yile nto yenzeke kumfo wabo? (1)

3.4.5 Zibanjiswe yintoni ezi zigebengana? (2)

3.4.6 Uthini umfanekiso bhanya-bhanya ozele olu nxunguphalo? (2)
**[10]**

**AMANQAKU ELANDELO C: [40]**

ICANDELO D

***Sasinoncwadi kwatanci* – S.C. Satyo nabanye**

**UMBUZO 4.1**

4.1 **PHENDULA LE MIBUZO ILANDELAYO NGOKUKHETHA EYONA MPENDULO IYIYO**

4.1.1 Uncwadi lwemveli lunamagama ngamagama

A. Luncwadi lomlomo
B. Luncwadi olungabhalwanga
C. Luncwadi olududwayo
D. Zonke ezi zingasentla (1)

4.1.2 Khetha okulungileyo: Uncwadi lwemveli luhamba:

(a) Nezijekulo / Neengxabano (1)

(b) Lwenzelwe ababukeli ngumqambi / lwenzelwe abaqambi ngumbukeli (1)

(c) Luyaqwetywa / Lujongwa encwadini (1)

(d) Lwenziwa ngohlobo olunye olufanayo / lwenziwa ngohlobo olwahlukileyo olungafaniyo (1)
**[5]**

**UMBUZO 4.2**

**IINTSOMI**

4.2.1 Ngoobani abantu ababini ababandakanyekayo xa kubaliswa iintsomi? (2)

4.2.2 Intsomi ingaba libali eliyinyani okanye elibubuxoki? (1)

4.2.3 Xela izinto zibe mbini ekufuneka umbalisi azisebenzise xa esenza intsomi. (2)

4.2.4 Ibaliswa nini intsomi? (1)

4.2.5 Ibaliswa ngubani? (1)

4.2.6 Yintoni injongo yokubalisa intsomi? (2)

4.2.7 Uthini umbalisi xa egqibile ukubalisa intsomi? (1)

4.2.8 Ubaluleke ngantoni umculo entsomini? (2)

4.2.9 Lubaluleke ngantoni uphinda-phindo lwamagama entsomini? (2)
**[14]**

**UMBUZO 4.3**

**NIKA AMAQHINA ENZIWA NGALA MAGAMA**:

4.3.1 Ihashe (1)

4.3.2 Indoda (1)

**NIKA AMAGAMA / IIMPENDULO EZENZIWA NGALA MAQHINA"**

4.3.3 Ndinabafo bam babini baza kundisebenzela ukuba ndibaqeqesha kakuhle. (1)

4.3.4 Ndinahlathi lam lihlala ligawulwe lonke kusale izikhondo. (1)

4.3.5 Yintoni umsebenzi weqhina? (2)

A. Kukonwabisa
B. Kukufundisa
C. A no B
D. Awukho **[6]**

**UMBUZO 4.4**

**AMAQHALO**

4.4.1 **PHENDULA LE MIBUZO ILANDELAYO NGO-EWE OKANYE HAYI**

(a) Amaqhalo zizithethe eziphuhlisa inyaniso (1)

(b) Amaqhalo abalulekile kuye wonke ubani. (1)

(c) Iqhalo yintetho nje engaqingqekanga, ende kakhulu. (1)

(d) Iqhalo nguvimba wezagwelo nentetho ephuhlisayo (1)

(e) Iqhalo lenza intetho inambitheke (1)

4.4.2 Khawuze nezinye iindidi zoncwadi amaqhalo athi azalane nazo (zibe mbini) (2)

4.4.3 Nika amaqhalo azizithetha – ntonye nala angezantsi:

(a) Imfazwe isuka eziko (2)
(b) Inkovu iphuma ethangeni (2)
(c) Iqaqa aliziva kunuka (2)

4.4.4 Ithetha ukuthini le ntloko ithi "Sasinoncwadi kwaTanci? (2)
**[15]**

**AMANQAKU ECANDELO D: [40]**

ICANDELO E

***Amabali amafutshane: Imbadu* – S.G. Sinxo**

**ICANDELO E**

5.1 Funda esi sicatshulwa ngocoselelo uze wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

> "Mfazi, mfazi, ndilifumene ekugqibeleni icebo!"
>
> Kwa-oko bakhanya obo buso buhle kunene bomfazi wam, akabuza nokuba licebo lantoni na, kuba ngokunje yayise inye kuphela into esinokufuna icebo layo, isikade eso singuNomacuntsu.
>
> "Khawutsho, sithandwa, lithini icebo lakho?" Ehleka-hleka evelisa loo mazinyo akhe amhlophe mahle ngokweperile.
>
> "Nali, sithandwa. Inye kuphela indlela esinokwahlukana ngayo nalo mntu, inye kuphela nokuba na ithetha ukuba masikhuphe neyokugqibela ipeni yethu eseposini".
>
> "Ithini loo ndlela sekaCholani?
>
> "Mfazi, masithathe iiponti zibe lishumi, siye evenkileni, sithenge yonke into awakha wayicela kuthi uNomacuntsu, siyithenge ibe ninzi, into nganye ibe nokumgcina iinyanga ngeenyanga engakhange ayiswele, sikhe siphumle."
>
> Waxhuma umfazi ebelele, wandiwola ngothandokazi olukhulu, engayilibali ingqondo yendoda ukuba ndivelise icebo elinje. Loo nto yandenza ndaziva ndiphakame kakhulu, kuba akukho nto imnandi njengokucingelwa phezulu ngumntu omthandayo. Ndakhukhumala sendizibeke kumgangatho woSolomoni noDanyeli ngobulumko.

**PHENDULA NGOCOSELELO IMIBUZO ELANDELAYO:**

5.1.1 Esi sicatshulwa siphuma kuliphi ibali? (2)

5.1.2 Ngubani esi sikade kuthethwa ngaso apha? (1)

5.1.3 Ukuba "sisikade" kukuthini? (2)

5.1.4 Wayebalasele ngokuthini lo mfazi kuthethwa ngaye? (2)

5.1.5 Aba bantu bancokolayo:

A. Babengavani
B. Babethandana
C. Babesebenza (1)

5.1.6 Yintoni le yayikhukhumalisa uyise kaCholani? (2)

5.1.7 Xa ukumgangatho woSolomoni noDanyeli, loo nto ithetha ukuba unjani? (2)

5.1.8 Ngokolwazi lwakho ngebali eli lilonke, bonisa ubungqina bokuba uyise kaCholani wenza ubulumko. (2)

5.1.9 Kuthiwa amazinyo omfazi mahle amhlophe okwe…………… (1)

5.1.10 "Wandiwola" Cacisa la mazwi kuphuhle intsingiselo yawo. (2)

5.1.11 Uthini lo mfo xa ebiza inkosikazi yakhe? (1)

5.1.12 Ithini le nkosikazi xa ibiza umyeni wayo? (1)

5.1.13 Olu luphawu lokuba bayathandana / bayaxabana. Khetha. (1)
**[20]**

Funda esi sicatshulwa

" Ngenye imini aba bafazi namadoda abo babevela ematyaleni, ngoku yayise iphele gungqu inyanga, kungekho ubhekisa nelimdaka komnye, ngenxa yentiyano enzulu eyayise iphakathi kwabo. Kwathi ke xa basondelayo ngasemizini yabo, bakhawulelwa yinzolo erhanelekayo. Ekugqibeleni, imigqumo yayiyekile, ukothusa umzi lowo. Azi kuhle ntoni na ezilwanyaneni zabo! Kuthe qatha ngelo xesha linye kubo bobabini aba bafazi into yokuba izilo zabo abazithanda kunene, zibulelene. Bobabini baya sebengasanyatheli ezindlwaneni zeehagu, bafika kweyokuqala, yo! Ize. Baya bebhabha kweyesibini – uthi babona ntoni?

Nazo zombini iinkunzi zeehagu, esazulwini sendlwane, intloko yenye iqamele ngegxalaba lenye, zonwabe zikwaTyebelekende, zikhothana ngothandwano olukhulu izinto ezinkulu, kucace mhlophe ukuba ayisekho nakancinane ezinkumbulweni zazo into yokuba zakha zalwa.

Abafazi bajonga ezihagwini, bajika bajongana, bethe manga. Yaqala yangena intshumayelo. Baphuthumana ukubambana ngeezandla, iinyembezi zisihla ezidleleni zabo, wavakala uNomalizo esithi, "Nontsontelo, mntakabawo, masixolelane, yini ukuba side sishunyayezwe naziihagu!"

5.2 **PHENDULA IMIBUZO ELANDELAYO**.

5.2.1 Aba bafazi babini babemangalelene ngantoni? (2)

5.2.2 Ngokwalapha kwisicatshulwa bonisa ukuba aba bafazi babenentiyo omnye komnye. (2)

5.2.3 Ukuba nentiyano kuthetha: Khetha impendulo eyiyo.

A. Ukuba nothando
B. Ukuba nokumcaphukela
C. Ukuba nenqala
D. Ukuba nesazela (1)

5.2.4 Zeziphi ezo zilwanyana? (1)

5.2.5 Kuthetha ukuthini "**ukuya ungasanyatheli**"? (2)

5.2.6 Sebenzisa u "**Ize**" kwisivakalisi ubonise ukuba uyayazi intsingiselo yayo. (2)

5.2.7 Kuphi kwa**Tyebelekende**? (2)

5.2.8 Umxholo wentshumayelo yezi hagu yintoni? Khetha.

(a) Ngamandla
(b) Luxolo
(c) Kukungxama
(d) Kukulamba (1)

5.2.9 Babeliliswa yintoni bobabini aba bafazi? (2)

5.2.10 Chaza kuvokotheke eli binzana"**Yini ukuba side sishunyayezwe naziihagu**" (1)

5.2.11 Bhala igama elithetha into enye nokuchwayita. (1)

5.2.12 Baphuthumana ukubambana ngezandla. Loo nto ithetha ukuba balwa okanye bawolana ngobubele. (1)

5.2.13 Phendula ngo- ewe okanye hayi

(a) Yaqala yangena intshumayelo. Loo nto ithetha ukuba yaphela intiyo. (1)

(b) Umntu ushunyayezwa ngumntu qha. (1)
**[20]**

**AMANQAKU ECANDELO E: [40]**

**AMANQAKU EWONKE: 80**

**ISIPHELO**